# Checklist : Grade 3 Ibhokisi yakwa Funda Wande

**Izixhobo zase Funda Wande:**

1. Incwadana yezicwangciso zezifundo zakwa-Funda Wande: Ikota 3
2. Incwadana yokufunda ngamaqela yakwa-Funda Wande
3. Incwadana yovavanyo olusisiseko yakwa-Funda Wande
4. Incwadana yovavanyo olusisiseko yakwa-Funda Wande
5. Iposta yezigaba zebali yakwa-Funda Wande
6. Iposta zegumbi lokufundela zakwa-Funda Wande
   - Isigama Seveki
   - Izandi Zeveki
   - Isisekelo Sokubhala Seveki
   - Amagama Abonwa Rhoqo

**Izixhobo zakwa-Vula Bula**

- Oonotsheluza bezandi bakaw-Vula Bula
- Oonotsheluza bamagama bakaw-Vula Bula

**IIncwadi Zamabali esifundo sokufundelwa ngutitshala**

- Inzwakazi uDebo
- Linkwenkwezi ezikwiingquzu zentlabathi
- UModjadji, ikumkanikazi yeMvula
- UCitronella
- Unomyayi onxaniweyo
- UNana nombungu
- URefilwe
- Ibhola ekhatywayo!
- IZim eloyikekayo
- Sonwabile

**Iincwadi ezinkulu zakwa-Vula Bula:**

**Incwadi enkulu: 6**

- Izinyo
- Evenkileni yempahla
- Umnqathe omkhulukazi
- Ibali lobugqi

**Incwadi enkulu: 7**

- Gcinela ingomso
- Isuphu yelitye
- Idabi lomoya nelanga
- Umvundla nofudo

**Incwadi enkulu: 8**

- Ingonyama nempuku
- Ukubhaka nomakhulu
- Edolophini
- UMzantsi Africa ngowethu

# Intshayelelo

Izicwangciso zezifundo zeFunda Wande zibonelela ngesikhokelo sosuku nosuku malunga nendlela yokufundisa ukufunda ngentsingiselo usebenzisa izixhobo ezikwibhokisi yeFunda Wande. Ngosuku ngalunye, kukho isikhokelo esimaphepha-mabini esineenkcukacha malunga:

- nezixhobo ezifunekayo
- namalungiselelo afunekayo
- neenjongo zesifundo
- nesikhokelo senyathelo-nenyathelo malunga nendlela ekunokufundiswa ngayo
- nomsebenzi wovavanyo olusesikweni wekota

IFunda Wande idibanisa indlela yokufundisa uLwimi Lwasekhaya kunye neZakhono zoBomi. Sisebenzisa izihloko nemisebenzi yeZakhono zoBomi ukufundisa ukufunda nokubhala.

**OKUBALULEKILEYO**

**Unika abafundi amathuba okuba bacinge**

**Ukunika abafundi amathuba okuba bathethe**

**Ukubonakalisa umdla kwizimvo zabafundi**

Funda Wande
Reading for Meaning

# Term Plan : Grade 3 Term 3

| | Iveki- 6 | Iveki- 7 | Iveki- 8 | Iveki- 9 |
|---|---|---|---|---|
| **Umxholo** | **Ukhuseleko loluntu** | **Ukhuseleko loluntu** | **Ungcoliseko** | **Intlalo yabantu bakudala** |
| **Ukuphulaphula nokuthetha** | **Umfanekiso**<br>Ukuzigcina Ukhuselekile ekuhlaleni | **Umfanekiso**<br>Ukhuseleko kwindawo zokudlala | **Umbongo**:<br>Isilumkiso | **DBE- Izakhono zobomi,Term 3**<br>Indlela ababephila ngayo abantu kudala |
| **Ukufunda notitshala** | **Umbongo**<br>Isilimkiso | **Vula Bula Anthology**<br>Jikeleza | **DBE - IsiXhosa Term 2 iphepha 10**<br>Isikolo singundaba mlonyeni | **DBE Izakhono zobom Term3 iphepha 17**<br>Abantu bakudala |
| **Izandi**<br>**Ukubhala ngesandla** | /gqw/ | /ngq/<br>Uhlolo oluqhubekayo | /nkx/<br>Uhlolo oluqhubekayo | /thw/ |
| **Ukubhala** | Umbongo( ubhala notitshala) | Umbongo<br>(eyedwa ) | Ushwankathelo lwephepha ndaba (notishala ) | ushwankathelo<br>eyedwa lwe phepha ndaba<br>(eyedwa 2&3) |
| **Ukufunda ngamaqela** | Vula Bula Anthology | Vula Bula Anthology | Vula Bula Anthologies | Vula Bula Anthology |

# Timetable

| | | |
|---|---|---|
| MATHS BLOCK (90min) | | |
| Listening & Speaking; Read Aloud (15 min /day) | | |
| Feeding | | |
| First Break | | |
| Shared (1) (15 min) | Shared (2) (15 min) | Phonics (15 min) |
| Phonics (15 min) | writing (15 min) | writing (15 min) |
| Handwriting (15 min) | | |
| EFAL - Listening & speaking (60), Reading & phonics (60), Writing (60), Language use (30) | | |
| Second Break | | |
| GGR X 2 groups a day Paired Reading; Independent Reading (30 min) | | |
| Creative Arts (x2) / PE (x3) | | |

| HL & LS | EFAL | MATHS | ASSESSMENT |
|---|---|---|---|




## Ukuphulaphula nokuthetha *(Imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** ipowusta yokhuseleko lwasemphakathini
- **Amalungiselelo:** Jonga ipowusta ubhale phantsi amanqaku ofuna ukugxila kuwo ngokhuseleko lwasemphakathini. Bhala imibuzo onoyikhupha kule powusta. Fotokopela abafundi le powusta ingasemva kwela ncwadi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufundisa abafundi ngempawu zokhuseleko emphakathini ukuze abafundi bakwazi ukuziqaphela kwaye bazilandele

**IMISEBENZI**

**1. Umxholo: Ukuzigcina ukhuselekile**
- Xelela abafundi ukuba namhlanje bazokufunda malunga ngokuzikhusela
- Xoxani ngenikubonayo kwi poster
- Buza abantwana ukuba zeziphi kule powusta impawu abaqhele ukuzibona.
  - Zeziphi impawu obuzibonile ngempela veki?
- Xoxani ngokuba impawu nganye isinqanda entweni/ **isilumkisa entweni**/ zeziphi ezichaza ukuba into ethile ivumelekile ukuba singayenza?
- Xelela abafundi ukuba sonke sinoxanduva lokuzigcina sikhuselekile.
- Babuze ukuba kukuthini ukuzigcina ukhuselekile.
- Kufuneka sizigcine sikhuselekile phi?,njani? Ngoba?
- Shwankathela isifundo ngokuxelela abafundi ukuba kukho imigaqo ebekiweyo emphakathini eyenzelwe ukukhusela thina bantu.

Isilumkiso



Ngeny'imini
Kok! Kok! Kok! Abaleka
Pha!Pha! Pha!
Azifihla
Nca! Nca! Nca!
Kwabakho elinye elibunxaxha
Mntwanana, kutheni ungafezange nje?
Inene mama ndilibele
Asikuko nokonqena
Kwakamsinya
Kok! Kok! Kok!
Abaleka
Pha!Pha! Pha!
Azifihla
Nca! Nca! Nca!
Kwakhona lisanxaxha.
Gqi! Ukhetshe.
Rhiwul wemka nalo
Ukulibala kuyingozi ekusa ekufeni.

## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umbongo. **Isilumkiso**; Oonotsheluza besigama**: elibunxaxha, ukufeza, Ukhetshe, isilumkiso**
- **Amalungiselelo:** Funda umbongo uze ulungise imibuzo. Enza ifotokopi yombongo ozakuwuxhoma ebhodini osekugqibeleni kwesisicwangciso. Lungisa isigama.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni notitshala ngokuqikelela, ngokungqamanisa nawabo amava nokuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- **Isihloko**: Thethani ngesihloko sombongo.
  - Yintoni isilumkiso?
  - Sidla ngokuzibona phi izilumkiso?
  - Abantu balumkiswa phantsi kweziphi iimeko?
- **Imifanekiso:** Jonga umfanekiso uze ubuze imibuzo:
  - Kwenzeka ntoni kulo mfanekiso?
  - Xa ujonge lo mfanekiso inokuba ngubani lo ebelumkiswa?
- **Isigama:** Fundisa isigama esitsha usebenzisa oonotsheluza
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise
  - kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**2. Ukufunda**
- Funda umbongo ngembonakalo enomdla, bonisa utyibiliko nangesingqi. Buza imibuzo yengqiqo emva kofunda imiqolo emine:
  - (Emva komqolo wesi-4) Sesiphi esisilwanyana ekuthethwa ngaso? Wazi njani?
  - (Emva komqolo wesi-8) Abalekele phi amantshontsho? Kwakutheni ukuze abaleke?

**3. Emva kokufunda**
- Gqibezela ngokubuza:
  - Kulunyukiswa bani kulo mbongo?
  - Umlumnkisa entweni lo mbongo?

# Iveki yesi-6: Usuku loku-1




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo wesandi u-/**gqw**/ we-Vula Bula: oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: **igqwirha, isigqwathi, igqwetha, gqweshula, umgqwaliso; ukugqwathula; umgqwashu**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: "**Elagqwetha UMgqwashu ligqwethe intetho yam**". Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-/**gqw/.**

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi:**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini uze ucele abafundi bawufunde ngamazwi aphakamileyo.
- Bacele bachonge ukuba sesiphi esona sandi esiphinda-phindiweyo ngaphezulu kunezinye kwesisivakalisi.
- Cela umfundi abemnye akrwele umgca phantsi kwesandi u-/**gqw**/ (qiniseka ukuba umfundi angabandakanyi isikhamiso).
- Bachazele ukuba esi sisandi abaza kugqalisela kuso namhlanje indlela esibizwa ngayo, esifundwa ngayo nesibhalwa ngayo.

**2. Umzobo wakanobumba u-/gqw/:**
- Ncamathisela umzobo wakanobumba eludongeni uze uthethe ngomfanekiso.
- Cela abafundi babize isandi u-/**gqw**/. Mabajonge umlomo wakho; mabasibize kwakhona bejongene emilonyeni ngelixa besithi /**gqw/** ukubona ukuba imilebe yabo yenza ntoni.
- Babuze ukuba ngabaphi oonobumba abenza u-/**gqw/**.
- Mabababize abanobumba nganye nganye ngethuba bebabhala emoyeni: **/g/+/q/ + /w/** (ukwahlula) baze babadibanise bathi **/gqw/** (ukudibanisa).
- Kunyanzelekile into yokuba abafundi baphinda-phinde ukusidibanisa isandi ngelixa besibhala emoyeni, ezandleni nasezidesikeni besebenzisa iminwe.

**3. Amagama ezandi:**
- Cela abafundi bacebise ngamagama abawaziyo anesandi u**-/gqw/.**
- Cela abafundi bafunde amagama akoonotsheluza.
- Jongani indawo yesandi egameni (ekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni).
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke. (Lamagama abhalwe kwiincwadi zezandi zokusebeza ngexesha lokufunda ngamaqela)





## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhala zabafundi.
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini: u**-/gqw/** ngokudibanisa.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala isandi u**-/gqw/** ngokudibanisa.

**IMISEBENZI**

**Ukuziqhelisa:**
- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ukubhala isandi u**-/gqw/** ngokudibanisa.
- Banikele umva ubayalele bajonge kuwe.
- Bhala emoyeni ngelixa uchaza indlela abhalwa ngayo unobumba ngokuvakalayo.
- Abafundi mabakulinganise nabo bethetha oku ukuthethayo. Bangasebenzisa iminwe yabo ukubhala emoyeni, emiqolweni yabanye abafundi, ezandleni zabo okanye ezidesikeni zabo.

**Iincwadi zabafundi:**
- Cela abafundi batyhile iincwadi zabo zomsebenzi obhalwe ngesandla baze babhale iphatheni.
- Bacele baphinde imiyalelo ngokuvakalayo ngelixa bebhala.
- Hamba-hamba ujonge ukuba baqhuba njani na. Nceda apho kudingeka khona.
- Khumbula ukujonga ukuba abafundi bahleli nkqo, indlela yokubamba ipensile, necala abakhokela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

### *QAPHELA: Iqela ngalinye malibe nabafundi aba-4*


- **Iinjongo zesifundo:** Ukunika umfundi ngamnye ithuba lokufunda ngokuvakalayo ze umncede ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo kunye nengqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo. Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.

**IMISEBENZI**
- Thatha iqela lokuqala elinabafundi aba – 4 kuphela.
- Nika umfundi ngamnye ithuba likufunda ze ubuze umbuzo wokuqonda.
- Nceda umfundi ngamnye ekufundeni ngokutyibilika nangengqiqo.

**Abanye abafundi** bayazisebenzela besenza imisebenzi eyahlukileyo:

**1. Ukuzifundela eyedwa:** Chazela abanye abafundi ukuba umntu ngamnye uzakuzifundela. Bakhumbuze ngemigaqu yokuzifundela uwedwa

# Iveki yesi-6: Usuku lwesi-2



## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Ipowusta yomgaqo wendlela
- **Amalungiselelo:** Fotokopela abantwana iposta usebenzisa ikopi engemva kwencwadi. Zoba ikholam ezintathu kwiphepha elikhulu: umhambi ngendlela, umqhubi kunye negosa lendlela.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukwandisa ulwazi lwabantwana ngoxanduva abanalo ekuzikhuseleni ekuhlaleni kunye nabanye abantu ababangqongileyo.

**IMISEBENZI**

- Khumbuza abanfundi ngobebefunde ngako izolo.
- Buza abafundi ukuba xa besiza esikolweni bazigcina bekhuselekile njani?
- Xelela abafundi ukuba namhlanje nizakuqaphela kule poswta yabantwana abantu abawela umgaqo nixoxe ngayo.
- Xelela abafundi baqaphele ngakumbi abantwana abaya esikolweni.
- Buza abafundi ukuba zeziphi na impawu abazibonayo ezixelela abafundi bangawela ngokukhuselekileyo?
- Luthini uxanduva lomqhubi logama abantu bewela?
- Luthini uxanduva labantu logama bewela umgaqo?
- Luthini uxanduva lamagosa endlela logama abantwana bewela umgaqo?
- **Umsebenzi wasekhaya**: Xelela abafundi zebaqwalasele xa be goduka impawu abazakuthi badibane nazo endleleni eniza kuncokola ngazo ngomso kusasa.

Isilumkiso



Ngeny'imini
Kok! Kok! Kok! Abaleka
Pha!Pha! Pha!
Azifihla
Nca! Nca! Nca!
Kwabakho elinye elibunxaxha
Mntwanana, kutheni ungafezange nje?
Inene mama ndilibele
Asikuko nokonqena
Kwakamsinya
Kok! Kok! Kok!
Abaleka
Pha!Pha! Pha!
Azifihla
Nca! Nca! Nca!
Kwakhona lisanxaxha.
Gqi! Ukhetshe.
Rhiwul wemka nalo
Ukulibala kuyingozi ekusa ekufeni.

## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo: Umbongo**: Isilumkiso; Oonotsheluza besigama: **Kok! Gqi, nca, pha, rhiwu**
- **Amalungiselelo:** Funda umbongo uze ulungiselele ukufundisa ngokuthe gca ngezifanekisozwi? Sebenzisa umbongo ukhuphe imizekelo yezifanekisozwi kuwo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda ngesifanodumo (isifanekiso-zwi) ngokuthe gca.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Ncokolani ngesifundo kunye nesigama sayizolo.

**2. Ukufundisa ngokuthe-gca:** Isifanodumo (Isifanekiso-zwi)
- Yintoni izifanekisozwi? ( Nceda ubacacisele abafundi)
- Yintoni umsebenzi wesifanekisozwi?
- Kupha isivakalisi esinesifanekisozwi kumbongo wesilumkiso
- Buza abatwana ukuba umbhali apha uzisebenzise njani isifanekisozwi?


**Imibuzo**
- Funda umqolo wesibini ubuze abafundi ukuba u- "kok! Kok! Kok!" usichazela ntoni?
- Yalela abafundi bakukhangele amanye amagama kumbongo azizifanodumo (azizifanekiso- zwi) (pha, nca, gqi, rhiwu).

**1. Ukufunda**
- Funda umbongo nabafundi ngembonakalo enomdla.

**2. Emva kokufunda**

**Umsebenzi wasekhaya**
- Abantwana mababhale ukuba isifanekisozwi sithetha ukuthini kwaye sisisebenzisa njani?
- Mabanike nemizekelo yabo ibemithathu besisebenzisa kwisivakalisi.

# Iveki yesi-6: Usuku lwesi-2





## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Itshati yokubhala; kunye neekoki
- **Amalungiselelo:** Lungisa imibizo malunga nesihloko **isilumkiso**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekubhaleni umbongo notitshala.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba baza kubhala umbongo olumkisayo.
- Kufuneka bacinge ngezilwanyana zibezibini (irhamncwa nexhoba lalo).
  - Eso silwanyana senza isandi esinjani xa sizama ukulumkisa inzala yaso ngobungozi?
  - Senza isandi esinjani xa sibaleka?
  - Senza isandi esinjani xa sizimela?
  - Leliphi igama elilungele ukubonisa ukuba ixhoba lithini xa libanjiwe
  - liza kutyiwa?
- Bhala zonke impendulo zabantwana ebhodini uzakuzihlela kusuku olulandelayo.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

### *QAPHELA: Iqela ngalinye malibe nabafundi aba-4*

- **Iinjongo zesifundo:** Ukunika umfundi ngamnye ithuba lokufunda ngokuvakalayo ze umncede ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo kunye nengqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo. Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.

**IMISEBENZI**

- Thatha iqela lokuqala elinabafundi aba – 4 kuphela.
- Nika umfundi ngamnye ithuba likufunda ze ubuze umbuzo wokuqonda.
- Nceda umfundi ngamnye ekufundeni ngokutyibilika nangengqiqo.

**Abanye abafundi** bayazisebenzela besenza imisebenzi eyahlukileyo:

- **Ukuzifundela eyedwa:** Chazela abanye abafundi ukuba umtu ngamnye uzakuzidundela. Bakhumbuze ngemigaqu yokuzifundela uwedwa.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.

**Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa

# Iveki yesi-6: Usuku lwesi-3





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** ipowusta yomgaqo wendlela.
- **Amalungiselelo:** Lungisa imibuzo ozakuyibuza abafundi malunga nomsebenzi wasekhaya bubanike wona
- **Iinjongo zesifundo:** Kukunika ithuba abafundi lokukwabelana ngempawu zokuseleko lwasekuhlaleni abaziqapheleyo.

**IMISEBENZI**

- Khumbuzanani ngobeni xoxa ngako izolo kunye nomsebenze wasekhaya ububanike wona.
- Nika umfundi ngamnye ancokole ngempawu zokhuseleko lwasekhuhlaleni aziqapheleyo izolo. Umfundi ngamanye makathethe ngophawu olunye ukwenzela nabanye bafumane ithuba lokwabelana neklass ngaku qapheleyo.




## Izandi nokubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **UHLOLO OLUQHUBEKEKAYO:** Sebenzisa lomsebenzi ukuqokelela amanqaku. Jonga kwisikhokelo se SBA malunga ne rubriki kunye nemigaqo.
- **Izixhobo:** Amakhadi ezandi (oonontathu) oonotsheluza bamagama ezandi afundiweyo kwiiveki ezidlulileyo.
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unencwadi yakhe yokubhala
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda unxibelelwano phakathi konoobumba nezandi kunye nokubhala amagama nezivakalisi ngokuchanekileyo beziqhelanisa nokusebenzisa iimpawu zokuthetha.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuqwalasela oonobumba nesandi. (imizuzu emihlanu)**

- Cela abafundi bajonge oonobumba obaphakamisayo ze babize isandi esenziwa ngoonobumba.
- Phakamisa icadi loonobumba - abafundi babize isandi.
- Qala uphakamise ngokucotha ze uphakamise isantya ukuze abafundi baqhele ukudibanisa oonobumba nesandi ngokukhawuleza.
- Qinisekisa ukuba wonke umfundi uthatha inkxaxheba

**2. Ukufunda amagama ezandi (imizuzu imihlamu)**

- Cela abafundi bajonge igama ngalinye oliphakamisayo ze balifunde
- Qala uphakamise ngokucotha igama ngalinye ze uphakamise isantya ukuze abafundi baqhele ukuwafunda amagama ngokukhawuleza.
- Qinisekisa ukuba wonke umfundi uthatha inkxaxheba


Ukubhala ngesandla

**1. Ubizelo/upelo**

- Cela abafundi ukuba bathathe iincwadi zabo zokubhala ze babhale
- Ubizelo: amagama (amagama nokuba asi-8) Biza igama ngokucacileyo
- Lisebenzise kwisivakalisi
- Libize kwakhona ngokucacileyo

**Abafundi mabalibhale igama elo ezincwadini.**

# Iveki yesi-6: Usuku lwesi-3





## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Isakhelo sokubhala neekoki.
- **Amalungiselelo:** Ukubhala onke amanqaku abalulekileyo enibonisene ngawo ngezolo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekubhaleni nasekuhleni okubhaliweyo bencediswa kutitshala.

**IMISEBENZI**

- Xhoma ipowusta ebhodini uze uxelele abafundi ukuba baza ukuhlela *umbongo* ebesele bewubhalile belungisa konke ekufuneka bekulungisile.
- Kufuneka bakhethe onke amanqaku abalulekileyo niqinisekise ukuba nizisebenzisile izifanekisozwi.
- Bhala umbongo ngokwamanqaku abawakhethileyo.
- Xelela abafundi emveni kokuba behlelile umbongo bawufunde umbongo.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

### *QAPHELA: Iqela ngalinye malibe nabafundi aba-4*

- **Iinjongo zesifundo:** Ukunika umfundi ngamnye ithuba lokufunda ngokuvakalayo ze umncede ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo kunye nengqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo. Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.

**IMISEBENZI**


- Thatha iqela lokuqala elinabafundi aba – 4 kuphela.
- Nika umfundi ngamnye ithuba likufunda ze ubuze umbuzo wokuqonda.
- Nceda umfundi ngamnye ekufundeni ngokutyibilika nangengqiqo.

**Abanye abafundi** bayazisebenzela besenza imisebenzi eyahlukileyo:

- **Ukuzifundela eyedwa:** Chazela abanye abafundi ukuba umtu ngamnye uzakuzidundela. Bakhumbuze ngemigaqu yokuzifundela uwedwa.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.

**Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa

# Iveki yesi-7: Usuku loku-1



## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Ipowusta yendawo zokudlala emphakathini
- **Amalungiselelo:** Lungisa imibuzo ngokubonakala kule posta.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekuncokoleni ngabakubonayo kwi powusta.

**IMISEBENZI**

- Umxholo: Xoxani ngenikubona kule powusta
  - Xelela abafundi ukuba baqaphele ipowsta kwaye bathethe ngabakubonayo.
  - Yindawo yokuthini le? Nika amagama ezinto zonke ozibonayo kulepowsta.
  - Indawo ezinje niqhele ukuzi bonaphi?
  - Yeyiphi imidlalo enokuthi idlawe apha?
  - Idlalwa njani? Ingaba seke wayidlala wena ngaphambili? Ngowuphi owona mdlalo wake wawo nwabela?
  - Ithini imiqathango yalo mdlalo?
  - Zintoni umtu xa edlala lomdlalo ekufuneka aziqaphele ukwenzela angonzakali?




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Ujikelelz*aula* ***Vula-Bula*** yebanga lesi-3: Oonotsheluza besigama: **ubumelwane, nekummandla, omiselwe, ungqala, ngqo, isiyezi, echwayitil, exhathisa**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali phambi kwesifundo uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni notitshala ngokuqikelela, ngokungqamanisa nawabo amava okuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**

- **Iqweqwe:** Thethani ngesihloko nomfanekiso, buza imibuzo: Ingaba elibali liza kuba ngantoni? (QIKELELA)
- **Imifanekiso:** Tyhila ibali (ngaphandle kokulifunda). Jonga imifanekiso uze ubuze imibuzo: Yintoni eyingxaki kumfanekiso ngamnye?

**2. Ukufunda**

- **Isigama: Fundisa amagama amatsha usebenzisa oonotsheluza nezinto okanye imifanekiso.** Thetha ngentsingiselo yegama. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi. Ncamathisela oonotsheluza kwiposta uze ubasebenzise iveki yonke.
- **Isifundo sokuqala:** Funda ibali ngembonakalo enomdla, ubonisa ukufunda notyibiliko. Buza imibuzo yovavanyo lokuqonda emva kwamaphepha amabini: Bangaphi abantu uVelile sele ebahluphile? Kutheni kufuneka alandele imigaqo ethile nje?

**3. Emva kokufunda**

- **Vala isifundo sokuqala:** gqibezela ngokubuza: Kwakutheni aze uGugu angqale ngqo kujikeleza? Xelela abantwana baqaphele ukuba sesiphi esona sandi basivayo. (Xelela abantwana ukuba sizakufunda ngesosandi).




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo wesandi u-/**ngq**/ we-Vula Bula: oonotsheluza bezandi abasuka
- **kuluhlu lwamagama:** ngqiniba, ingqolowa, igqele, ingqondo, ngqengqa, ngxengxeza,
- **ingxangxasi, ukugingxiza**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: "Yingxubakaxaka yengxaki
- **yengxangxosi engxola ezingxangxasini". Sika oonotsheluza.**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-/**ngq/.**

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi:**

- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini uze ucele abafundi bawufunde ngokuvakalayo: **uGugu wangqala ngqo kujikeleza.**
- Bacele bachonge ukuba sesiphi esona sandi esiphinda-phindiweyo kwesisivakalisi.
- Yalela umfundi abemnye akrwele umgca phantsi kwesandi u-/**ngq**/(qiniseka ukuba umfundi angabandakanyi isikhamiso).
- Bachazele ukuba sizakufunda ngesandi u/**ngq**/.

**2. Umzobo wesandi u-/ngq/:**
- Ncamathisela umzobo wesandi eludongeni uze uthethe ngomfanekiso.
- Cela abafundi babize isandi u-**/ngq/**. Mabajonge umlomo wakho; mabasibize kwakhona bejongene emilonyeni ngelixa besithi **/ngq/** ukubona ukuba imilebe yabo yenza ntoni.
- Babuze ukuba ngabaphi oonobumba abenza u-**/ngq/**.
- Mabababize abanobumba nganye nganye ngethuba bebabhala emoyeni: **/n/**+**/g/**+**/q/**= (ukwahlula) baze babadibanise bathi =**/ngq/** (ukudibanisa).
- Kunyanzelekile int'okuba abafundi baphinda-phinde ukusidibanisa isandi ngelixa besibhala emoyeni, ezandleni nasezidesikeni besebenzisa iminwe.

**3. Amagama ezandi:**
- Cela abafundi bacebise ngamagama abawaziyo anesandi u-**/ngq/**.
- Cela abafundi bafunde amagama akoonotsheluza.
- Jongani indawo yesandi egameni (ekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni).
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.

***(Lamagama abhalwe kwiincwadi zezandi zokusebeza ngexesha lokufunda ngamaqela)***




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhala zabafundi.
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini: unobumba u-**/ngq/.**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala unobumba u-**/ngq/** ngokudibanisa.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuziqhelisa:**
- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ukubhala unobumba u-**/ngq/** ngokudibanisa.
- Banikele umva ubayalele bajonge kuwe.
- Bhala emoyeni ngelixa uchaza indlela abhalwa ngayo unobumba ngokuvakalayo.
- Abafundi mabakulinganise nabo bethetha oku ukuthethayo. Bangasebenzisa iminwe yabo ukubhala emoyeni, emiqolweni yabanye abntwana, ezandleni zabo okanye ezidesikeni zabo.

**2. Iincwadi zabafundi:**
- Cela abafundi batyhile iincwadi zabo zomsebenzi obhalwe ngesandla baze babhale iphatheni.
- Bacele baphinde imiyalelo ngokuvakalayo ngelixa bebhala.
- Hamba-hamba ujonge ukuba baqhuba njani na. Nceda apho kudingeka khona.
- Khumbula ukujonga ukuba abafundi bahleli nkqo, indlela yokubamba ipensile, necala abakhokela ngakulo xa bebhala




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

### *QAPHELA: Iqela ngalinye malibe nabafundi aba-4*

- **Iinjongo zesifundo:** Ukunika umfundi ngamnye ithuba lokufunda ngokuvakalayo ze umncede ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo kunye nengqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo. Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.

**IMISEBENZI**
- Thatha iqela lokuqala elinabafundi aba – 4 kuphela.
- Nika umfundi ngamnye ithuba likufunda ze ubuze umbuzo wokuqonda.
- Nceda umfundi ngamnye ekufundeni ngokutyibilika nangengqiqo.

Abanye abafundi bayazisebenzela besenza imisebenzi eyahlukileyo:
- **Ukuzifundela eyedwa:** Chazela abanye abafundi ukuba umtu ngamnye uzakuzidundela. Bakhumbuze ngemigaqu yokuzifundela uwedwa.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.

Abanye abafundi bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa

# Iveki yesi-7: Usuku lwesi-2




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** ipowusta yase pakini
- **Amalungiselelo:** Lungisa imibuzo ngale powustar
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngeengozi  ezinokuthi zehle kwindawo zokudlala.

**IMISEBENZI**

**1. Umxholo:**

- Xelela abantwana ukuba bajonge kule powusta uyixhomileyo
- Buza abantwana lemibuze ilandelayo:
  - Yeyiphi imidlalo edlalwayo kulomfanekiso?
  - Xelela abantwana baqaphele kumfanekiso ngamnye bachaze ukuba yeyiphi ingozi engehle     yenzeke?'
  - Ngeziphi izinto ezinobungozi kwindawo odlala kuzo?
  - Singazikhusela njani kwezongozi?




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** Jikeleza-**Vula Bula** yeBanga lesi-3: ***Kutheni na enje***. Oonotsheluza besigama: **ubumelwane, nekummandla, omiselwe, ungqala, ngqo, isiyezi, echwayitil, exhathisa**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali phambi kwesifundo uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni notitshala ngokuqikelela, ngokungqamanisa nawabo amava nokuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**

- **Khumbuza:** Ncokolani ngesifundo sayizolo. Xoxani ngesigama. Thetha ngentsingiselo yegama. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**Ukufundisa ngokuthe-gca:**

**IMISEBENZI**

**1.  Uvavanya ingqiqo yabafundi.**

- Xelela abafundi mabathyile kwiphepha 59-60 ze baphendule imibuzo egxile kwibali abasandokulifunda. Jikeleza uphendula imibuza abafundi abanayo uxhasa abo badinga ukuxhaswa.

**2. Ukufunda**

- Funda ibali nabafundi, ngembonakalo enomdla notyibiliko.

**3. Emva kokufunda**

- **Gqibezela ibali ngokubuza imibuzo:** Yeyiphi eyona nto eyingozi eyenziwe nguVelile? Kutheni usitsho nje?




## Ukubhala eyedwa *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi zabantwana nepensile.
- **Amalungiselelo:** Lungisa imizekelo abantwana abanokuthi bayilandele xa bebhala owabo umbongo: ingonyama nenyamakazi, inyoka nesele njalo njalo…
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekubhaleni umbongo wakhe esebenzisa izifanekisozwi.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi baza kubhala owabo umbongo mabakhethe nokuba zeziphi izilwanyana kwezi uzikhankanyileyo, okanye esakhe asikhethileyo nokuba asikho kuluhlu.
- Hamba hamba phakathi kwabafundi ubancedidisa ukhumbuza nangezifanekiso-zwi, ze bajonge nakumbongo eniwenzileyo ninonke eklasini.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

### *QAPHELA: Iqela ngalinye malibe nabafundi aba-4*

- **Iinjongo zesifundo:** Ukunika umfundi ngamnye ithuba lokufunda ngokuvakalayo ze umncede ukuphuhlisa ufundo ngotyibiliko nangokuchanekileyo kunye nengqiqo
- **Qinisekisa** ukuba abafundi bakwizinga lokufunda elifanayo. Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.

**IMISEBENZI**

- Thatha iqela lokuqala elinabafundi aba – 4 kuphela.
- Nika umfundi ngamnye ithuba likufunda ze ubuze umbuzo wokuqonda.
- Nceda umfundi ngamnye ekufundeni ngokutyibilika nangengqiqo.

**Abanye abafundi** bayazisebenzela besenza imisebenzi eyahlukileyo:

- **Ukuzifundela eyedwa:** Chazela abanye abafundi ukuba umtu ngamnye uzakuzidundela. Bakhumbuze ngemigaqu yokuzifundela uwedwa.
- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.
- Bhala **inqubela yokufunda** komfundi ngamnye kwincwadi yakho.

**Abanye abafundi** bayazisebenzela: umsebenzi wezandi /ukubhala ngesandla /ukufunda ngababini/ Ukufunda eyedwa

# Iveki yesi-7: Usuku lwesi-3




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** ipowusta yase pakini
- **Amalungiselelo:** Lungisa imibuzo emalunga nepowsta.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngengozi ezinokuthi zehle kwindawo abantwana abadlala kuzo kunye nendlela abanokuthi bazikhusele ngayo.

**IMISEBENZI**

**1. Umxholo:**
- Xelela abantwana baqaphele abakubonayo kule powusta
- Mabancokole ngomfanekiso ngamnye?
- Zintoni izinto ezenziwa ngumtana ngamnye ezibangela ukuba akhuseleke ngexesha edlala.
- Zintoni izinto esinokuthi sizifunde kwababantwana.




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **UHLOLO OLUQHUBEKEKAYO:** Sebenzisa lomsebenzi ukuqokelela amanqaku. Jonga kwisikhokelo se SBA malunga ne rubriki kunye nemigaqo.
- **Izixhobo:** Amakhadi ezandi (oonontathu) oonotsheluza bamagama ezandi afundiweyo kwiiveki ezidlulileyo.
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unencwadi yakhe yokubhala
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda unxibelelwano phakathi konoobumba nezandi kunye nokubhala amagama nezivakalisi ngokuchanekileyo beziqhelanisa nokusebenzisa iimpawu zokuthetha.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuqwalasela oonobumba nesandi. (imizuzu emihlanu)**
- Cela abafundi bajonge oonobumba obaphakamisayo ze babize isandi esenziwa ngoonobumba.
- Phakamisa icadi loonobumba - abafundi babize isandi.
- Qala uphakamise ngokucotha ze uphakamise isantya ukuze abafundi baqhele ukudibanisa oonobumba nesandi ngokukhawuleza.
- Qinisekisa ukuba wonke umfundi uthatha inkxaxheba

**2. Ukufunda amagama ezandi (imizuzu imihlamu)**
- Cela abafundi bajonge igama ngalinye oliphakamisayo ze balifunde
- Qala uphakamise ngokucotha igama ngalinye ze uphakamise isantya ukuze abafundi baqhele ukuwafunda amagama ngokukhawuleza.
- Qinisekisa ukuba wonke umfundi uthatha inkxaxheba

Ukubhala ngesandla

**1. Ubizelo/upelo**
- Cela abafundi ukuba bathathe iincwadi zabo zokubhala ze babhale
- Ubizelo: amagama (amagama nokuba asi-8) Biza igama ngokucacileyo
- Lisebenzise kwisivakalisi
- Libize kwakhona ngokucacileyo
- Abafundi mabalibhale igama elo ezincwadini.

# Iveki yesi-7: Usuku lwesi-3



## Ukubhala eyedwa *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi zabantwana nepensile.
- **Amalungiselelo:** Xhoma isikhokelo sokubhala esibhalwe umbongo weklasi
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekuyileni nasekuhleleni umbongo.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi bazakugqibezela ukubhala imibongo yabo.
- Mabalungise iziphene kumbhalo wabo.
- Xa begqibile bawufunde umsebenzi wabo.
- Hamba hamba Phakathi kwabo ujonga ukuba bayalandela na  ubaxhasa.
- Umana ubakhumbuza uba bajonge kumbongo beniwenze nonke.'
- Emva kokubhala umfundi uwufunde umbongo wakhe ejonga iziphene.

## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-15)*

Isilumkiso



Ngeny'imini
Kok! Kok! Kok! Abaleka
Pha!Pha! Pha!
Azifihla
Nca! Nca! Nca!
Kwabakho elinye elibunxaxha
Mntwanana, kutheni ungafezange nje?
Inene mama ndilibele
Asikuko nokonqena
Kwakamsinya
Kok! Kok! Kok!
Abaleka
Pha!Pha! Pha!
Azifihla
Nca! Nca! Nca!
Kwakhona lisanxaxha.
Gqi! Ukhetshe.
Rhiwul wemka nalo
Ukulibala kuyingozi ekusa ekufeni.

- **UHLOLO OLUQHUBEKEKAYO:** Sebenzisa lomsebenzi ukuqokelela amanqaku.
